

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

Masizibophelele ekulondolozeni uMbane ngowama-2020!

Use electricity smartly

It can be this easy for households to save electricity (and costs) during summer

1. Use the cold water tap rather than using the geyser every time.
2. When you leave the room, remember to switch off the lights.
3. Set your swimming pool pump cycle to run twice a day, three hours at a time for optimal energy use. And avoid running a cycle between 5pm and 8pm to support the power system.
4. Set air-conditioners' average temperature in summer at 23°C.
5. Be energy efficient and change your light bulbs to energy efficient lights/LEDs.
6. At the end of the day, turn off computers, copiers, printers and fax machines at the switch. Avoid stand-by or sleep mode.

UMasipala wase-Overstrand ubongoza abatyeleli nabahlali okokuba balondoloze umbane kangangoko banakho ngeli thuba leenyanga ezishushu. Ngokunuka ingqwalasela ngendlela osebenzisa ngayo umbane, uthathe amanyathelo okulondoloza umbane apho unakho ngokulawla ukusetyenziswa kwezixhobo zakho zombane, kulula ngenene ukulondoloza umbane.

Ngasezantsi ngamanye amacebo olondoloza anakho ukukunceda:

- Ukuba ngaba isixhobo sombane akusisebenzisi, sicime.
- Sonke masilandeke umkhwa wokucima zonke izibane xa siphuma kwigumbi.
- Musa ukushiya iTV, iDVD nezinye izixhobo zombane uzimisele ungazicimanga - kunoko zicime ngokupheleleyo.
- Kunokwenziwa into enye nakwiipagi nee-adaptha ekufakwa kuzo iitshaja zeselula okanye izibane ezisecaleni kwebhedhi.
- TUkulondoloza umbane ekhitshini, luvala msinyane ucango lwesikhenkcezi ngokukhawuleza okukhulu xa uthatha into kuso. Musa ukulushiya ucango lwayo luvulekile isithuba eside kunokuba kufanelekile.
- Igiza isebenzisa ama39% ombane wasekhaya, yicime ukulondoloza umbane nemali.
- Gquma ngerhabha igiza kunye nemibhobho yamanzi njengoko oku kuya kunceda okokuba ahlale amanzi eshushu ixesha elide.
- Nciphisa iqondo lobushushu obuphezulu begiza/iThermostat yakho.
- Endaweni yokuthatha ixesha elide uhlamba ebhafini hlamba kwishawa, njengoko iishawa zisebenzisa amanzi amancinane kunye nombane.

Khumbula, iintloko zeshawa ezilondoloza umbane namanzi zisebenzisa amanzi amancinane kunye nombane.

- Sebenzisa iibhalbhu ezilondoloza umbane/iLED

Ngokusebenza kunye, singawenza lula umthwalo kwintambo zentsimbi ezizisa umba zesizwe yaye ngaxeshanye sinciphise ukucinywa kobane okungakho.

IYURE EZINTSHA EZICETYWAYO ZOKUTHENGISWA KOTYWALA KWI-OVERSTRAND

Abahlali banikwe kwade kwangumhla wama-23 kuMatshi 2020 Okokuba banike izimvo kwiYure ezintsha ezicetywayo zokuthengiswa kotywala e-Overstrand.

Uxwebhu olumaphepha mabini oluqalathe imiba ebalulekileyo erheshayo kwabamaphepha-mvume okuthengisa utywala ngokuhambelana namathaba abangathi abantu babe nakho ukuthenga ze bonwabele utywala ngokuthembekileyo.

Umthetho kamasipala uchaza izindululo zokulungiswa koku kulandelayo:

- Utywala bunokuthengiselwa kuphela ukuselwa kwiindawo ezinamaphepha-mvume phakathi kwentsimbi ye-10:00 neye-00:00 nangaluphi Na usuku.
- Utywala bunokuthengiselwa kuphela ukuselwa kwiindawo ezinamaphepha-mvume phakathi kwentsimbi yesi-08:00 neye-00:00, ukususela ngeMivulo ukuya kutsho ngemiGqibelo kuphela.

Oku akuthethi into yokuba utywala abunakuthengiselwa ukuselwa kwiindawo ngaphandle kwala maxesha apapashiweyo. ICandelo 4 lomthetho kamasipala weYure zokuThengiswa koTywala enza isibonelelo kubanini bamaphepha-ndaba okokuba benze isicelo sokuthengisa utywala ngamanye amaxesha apho oku kuya kube kungumdlalo woLuntu.

Abahlali bayakhuthazwa ekubeni banike izimvo kwezi nguqu zicetywayo.

Iinguqu ezicetywayo zinokuthatyathwa njengeenzame zokuthotywa kokusetyenziswa gwenxa kotywala, kobutsotsi, kwengxolo ephazamisayo neziphazamisayo zoluntu.

Umthetho kamasipala ocetywayo weeyure zokuthengiswa kotywala uya kufumaneka ukuba uhlolwe ngethuba leeyure zomsebenzi kwii-ofisi zoMlawuli woMmandla eGansbaai, eStanford, eHermanus naseKleinmond, kuwo onke amathala eencwadi karhulumente e-Overstrand nakwi-Ofisi eyiNtloko yamaQumrhu yomasipala eHermanus, ngokunjalo nakwiwebhusayiti esesikweni kule dilesi www.overstrand.gov.za. (Cofa kumaxwebhu, cofa kumthetho kamasipalaze uye kumthetho kamasipala oyilwayo.)

Izimvo zinokuthunyelwa kuMlawuli kaMasipala (ingqalelo kaLionel Wallace), PO Box 20, Hermanus 7200, okanye ifaksi 028 313 8931, okanye i-imeyile eya ku- lw Wallace@overstrand.gov.za **Ubusazi?**

- Ukuthengisa okanye ukuvelisa utywala ngokwasemthethweni, kufuneka ube nephepha-mvume lokuthengisa utywala elinikezelwe nguGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni. Eii phepha-mvume malilaziye rhoqo ngonyaka.
- Iphepha-mvume lokuthengisa utywala lwebhu olukhutshwa ukunika imvume kumntu okokuba athengisele uluntu utywala okanye avelise utywala.
- Unakho ukukhalaza xa umnini wephepha-mvume ethe waphula umthetho, okanye nawuphi na umqathango oncanyathelisele kwiphepha-mvume.
- Bonke abanamaphepha-ndaba mabayixhome emboniselweni imiqathango yephepha-mvume kwiziko elinemvume ukulungiselela okokuba uluntu luyibone.
- Unakho ukuthatha amafoto, iividiyo okanye obunye ubungqina ukuxhasa isikhalazo sakho.

Ukufakwa kwesikhalazo

Ukuba ngaba kukho umntu ongahambelaniyo nemithetho yotywala, unakho ukufaka isikhalazo kuGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni.

Izikhhalazo zinokufakwa nangendawo ezitheni utywala ngaphandle kwephepha-mvume kuluntu, iindawo ezithengisa utywala kubantu abangaphantsi kubudala obuvumelekileyo, okanye kwiindawo ezihlala zivulile isithuba eside kuneso sivunyelwe liphepha-mvume.

Ngokuhambelana nengxelo evela kuGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni, baya kwenza uphando ze benze ukuba ngaba ubungqina bokugwenxa buyafumaneka. Amatyalala amabi aya kuthunyelwa kwiNkundla yaMaphepha-mvume oTywala enokuthi ibe nakho ukulirhoxise iphepha-mvume, yenze iinguqu kwimiqathango yephepha-mvume okanye ikhuphe isohlwayo. Izenzo ezinjalo zinakho ukuxelwa kuGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni kule nombolo 021 204 9805 okanye kule imeyile liquor.enquiries@wcla.gov.za. Unakho ukutyelala kule webhusayiti www.wcla.gov.za. Unakho ngokunjalo ukukhalaza kwiNkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika (SAPS) kunye nonyanzeliso lomthetho lukamasipala.

IVEBHUSAYITI ESEBENZISANAYO INIKEZELA NGOFIKELELO KWIIMAPHU EZILUNGISELELWE ABHALALI BASE-OVERSTRAND

UMasipala wase-Overstrand wenze kutshanje ufikeleleko kwiinkcukacha zamani esiseko zeemaphu ezikhoyo kwikhompyutha ngokusetyenziswa kohlo oluqhuba kwikhompyutha yakho, kwiwebhusayiti okanye kwicelula yodidi oluphezulu.

Uphononongo lwemaphu luqalathe amafoto athatyathwe ngenqwelontaka ngoDisemba wama-2018 ngokunjalo neenkukacha zangoku zamanani epropati kunye neenombolo zeizala, amagama ezitalato kunye needilesi. Iinkcukacha zamanani epropati ziyahlaziye rhoqo ngekota. Unakho ukukhangela ngokunjalo ukucandwa kweepropati nento yokokuba ingaba isakhiwo siyinxalenye na yecandelo lelifa lemveli. Uphononongo lunakho ukufunyanwa kule webhusayiti www.overstrand.gov.za ze ucofe kwiimaphu. Umyalelo wendlela yokusetyenziswa kophononongo inokufunyanwa ngokucofa iqhosha "I".

INDLELA NENDAWO YOKULAHLELA KWENKUNKUMA YOLWAKHIWO

Inkunkuma yabakhi ebunini buyokutsho kwitoni e-1

Sibongoza kubahlali nakubakhi bangadibanisi izitena, amatye nesanti (okt. inkunkuma yokwakha ecocekileyo elingana nobukhulu besitena) kunye nemathiriyeli efana neengxowa zesamente, iplastiki, iphepha, ikhadibhodi nentsimbi okanye amaplanga (okt. inkunkuma yokwakha eyasulelekileyo). Amagcuntswana amancinane enkunkuma yokwakha ayokutsho kwitoni enye (iqanda uyokutsho kwitoni e-1) anakho ukulahlwa SIMAHLA ukuba ngaba ACOCEKILE/AHLELIWE yaye ayiqulathanga izinto ezinkulu ngaphezulu kobukhulu besitena kwisikhululo sokutshelo saseKleimond nakwiindawo zokulahlwa zaseHawston, eStanford nasePearly Beach ngokunjalo nakwimimandla yokulahlwa kwenkunkuma yaseGansbaai naseKarwyderskraal. Nceda uqaphele, isikhululo sokutshelo neendawo zokulahlwa AZISAYI KWAMKELA imithwalo yenkunkuma yabakhi engaphezulu kwetoni e-1 okanye engaphezulu kwama-250 mm ngobukhulu okanye engacocekanga (okt. owasuleleke yinkunkuma ngokubanzi okanye amaplanga njl.njl. avela mhlawumbi kwindawo yolwakhiwo okanye yokudliza).

Inkunkuma yabakhi engaphezulu kwetoni e-1

Inkunkuma yabakhi engaphezulu kwetoni enye inikulahlwa kummandla wokulahlwa kwenkunkuma waseKarwyderskraal. Khumbula, ukuba ngaba ayihlelwanga, uya kuhlalwa ngetoni ukuyilahlwa. Umthwalo owasulelekileyo (nawuphi na amaplanga, iingxowa zesamente okanye inkunkuma ngokubanzi) uya kuba nomphumela wokulahlwa ixabiso eliphezulu lama-R220 ngetoni kubunzima obupheleleyo bomthwalo olahlwa kwindawo. Ukuba ngaba ulahla itoni e-1.2, uya kuhlalwa iitoni ezi-1.2. Nawuphi na umntu ofuna ukuhambisa inkunkuma yokwakha kwindawo yolwakhiwo kwenkunkuma iKarwyderskraal kufuneka abhaliswe kuMasipala wesiThili sase-Overberg (ODM). Ukusilela ukwenza njalo kuya kuba nomphumela wokwalelwa ukuba ulahle inkunkuma lifomu zokubhalisa ziyafumaneka ku-Ingrid Marti kule dilesi imarti@odm.org.za okanye kwi-ofisi yokuveyishwa kwezithuthi eKarwyderskraal. Ummandla wokulahlwa kwenkunkuma waseKarwyderskraal uvuliwe ngazo zonke iintsuku zeveki ukususela ngentsimbi ye-08:00 de kube yintsimbi ye-18:00 kodwa uvaliswe ngeempela-veki nangeentsuku zeholide.

Itheyibhile engasezantsi ibonisa imirhumo yolwamkelo yaseKarwyderskraal elungiselelwe isithuba esisuka kumhla woku-1 kuJulayi 2019 - kuma-30 kuJune 2020:
Inkcazelo **Umrhumo ngetoni okanye inxalenye ngoko**

Imathiriyeli kunye nenkunkuma yabakhi ecocekileyo engaqulathe nto inkulu Akukho mrhumo ngaphezulu kobukhulu besitena

Inkunkuma yabakhi engaphezulu kobunzima obulindelekileyo (nawuphi na umthwalo omkulu kunobukhulu besitena) R100.00

Inkunkuma yabakhi exubeneyo, engcolileyo okanye engahlelwanga (equlethe iinkuni, amaphepha, intsimbi njl.njl.) R220.00

Inkunkuma yasekhaya R217.45

- INKUNKUMA YABAKHI ENGAHLELWANGA/ENGCOLILEYO ithetha into yokokuba inkunkuma ayihlelwanga - nganye amazwi iqulathe amaplanga, iingxowa zesamente, inkunkuma ngokubanzi naleyo ifana nayo - yaye mhlawumbi ivela kwindawo yolwakhiwo okanye yokudliza.
- INKUNKUMA ECOCEKILEYO YABAKHI ithetha into yokokuba umthwalo wenkunkuma oza kulahlwa ucocekile yaye awunazinto zingaphezulu kwesitena esiqhelekileyo.
- UMTHWALO ONGAPHEZULU KOQHELEKILEYO WENKUNKUMA YABAKHI ECOCEKILEYO, kwelinye icala, ithetha into yokokuba umthwalo wenkunkuma oza kulahlwa ucocekile yaye uqulathe ikhonkrithi okanye inkunkuma yamatye ebukhulu bungaphezulu kwesitena esiqhelekileyo.

Iiyure zomsebenzi zamaziko awahlukeneyo zezi zilandelayo:

- Isikhululo sokutshelo saseKleimond sivuliwe ngeentsuku zeveki ukususela kwintsimbi yesi-07:30 ukuya kweye-18:00 nokusuka kweye- 07:30 de kube yeye-16:30, ngemiGqibelo, ngeCawa nangeeholide
- Indawo yokulahlwa kwenkunkuma eHawston ivulwa ngeentsuku zeveki ukususela kwintsimbi yesi-08:00 de kube yeyesi-18:00 nokusuka kweye- 09:00 de kube yeye-16:00 ngemiGqibelo nangeeholide.
- Iindawo zokulahlwa kwenkunkuma eStanford nasePearly Beach zivulwa ngeentsuku zeveki ukususela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yeye-17:00 nokusuka ngentsimbi yesi-09:00 de kube yeye-14:00 ngemiGqibelo nangeeholide.
- Ummandla wokulahlwa kwenkunkuma eGansbaai uvuliwe ngeentsuku zeveki ukususela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yeye-18:00 nangamiGqibelo ukusuka ukususela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yeye-15:00 ngeeholide.
- Ummandla wokulahlwa kwenkunkuma waseKarwyderskraal uvuliwe ngazo zonke iintsuku zeveki uku susela ngentsimbi yesi-08:00 de kube yeye-18:00 kodwa uvaliswe ngeempela-veki nangeeholide.

ISEBE LEZITHUTHI LIVULA RHOQO KUMGQIBELO WESIBINI

ISebe leZithuthi laseHermanus

Rhoqo ngomGqibelo wesibini, iSebe leZithuthi laseHermanus, elikwikona yeShort kunye neMussel Streets eHermanus, liya kuvula ukususela ngentsimbi ye-8:30 ukuya kweye-12:00.

Kwisiqingatha sokuphela kwikota yokuqala yowama-2020, imihla ekuthethwa ngayo yile ilandelayo:

S07 kuMatshi 2020, 28 kuMatshi 2020, 18 ku-Epreli 2020, 25 ku-Epreli 2020

• Le mihla iyalingwa yaye ixhomekeke kutshintsho.

Ngeentsuku zeveki, iiyure zokusebenza zezi zilandelayo :

K53 nokubhaliswa kwezithuthi (NgeMivulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu):

08:00 - 15:15

I-ofisi yezohlwayo (NgeMivulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu):

08:00 - 13:00 & 13:45 - 15:15

Abaphathi bemali benkundla (NgeMivulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu):

08:00 - 13:00 & 13:45 - 15:00

I-Ofisi yaBaphathi bemali (NgeMivulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu): 08:00 - 15:30

UKWANDISWA KWETHUBA LENKQUBO YOTHATYATHO-NXAXHEBA LULUNTU KULUNGISELELWA UYILO UMGQAO-NKQUBO WOMJIKILO OKUFUTSHANE WOMABONAKUDE WEPROPATI KAMASIPALA

Nceda qaphela into yokuba inkqubo yothatyatho-nxaxheba kulungiselelwa uyilo loMgqao-nkqubo woMjikelo okuFutshane woMabonakude kwiPropati kaMasipala wandisiwe de kube ngumhla wama-31 kuMeyi 2020. Qaphela into yokuba umgaqo-nkqubo oyilwayo uya kuhlala uvulelelele ukulungiselela uhlobo lwe- onke amathala eencwadi karhulumente akummandla ophantsi kolawulo lwe-Overstrand yaye unakho ngokunjalo ukuvavanya kusetyenziswa iwebhusayithi esesikweni www.overstrand.gov.za. (Cofa kuMaxwebhu ze uye kwiMigaqo-nkqubo kunye neMigaqo-nkqubo eYilwayo.)

Amagcibantsintshi neengcebiso zinokuthunyelwa kuLester Smith kule dilesi lestersmith@overstrand.gov.za (umnxeba 028 313 5041). Kungenjalo, qhagamshelana noMphathi woLawulo lweNtlelele lwase-Overstrand, M Carelse, kule nombolo 028 313 8941 okanye kule imeyile mcarelse@overstrand.gov.za.

IPINK BUOY

ILAHLEKILE EGROTTO



Nceda ubaze amehlo ngenxa yepink bouy elahlekileyo kunxweme lweGrotto. Ngelishwa, oku asikokokuqala isixhobo sohlangulo sibiwa.

Sicela abahlali okokuba basincedise ekufumaneni ibouy yohlangulo ngoku-soloko bebeke indlebe kuye nakubani na onesi sixhobo esichongeka lula, esiqaqambileyo esipinki.

Masiyigcine imimandla yethu yokuqubha iyindawo ekhuselekileyo elungiselelwe abantwana bethu kunye nabanye abathandi bonxweme. Khumbula, ukubhiwa kwepink bouy kukubhiwa kobomi, yaye iingozi zehla nangaliphi na ixesha.

Unakho ukuqhagamshelana neHermanus NSRI kule nombolo 082 990 5967 okanye deon@searescue.org.za nengcaciso. Kungenjalo, biza aboNyanzeliso loMthetho kule nombolo 028 313 8996.

Nakuphi na ukutsalelwa komnxeba okungxamileyo kunye/okanye ukukhathazeka okuphathelelene nokurhaxwa okanye iingozi zinakho ukuxelwa kwinombolo YOKUNGXAMILEYO KUPHELA kweeyure ezingama-24 kamasipala eyile 028 312 2400.

Unyanzeliso lomthetho lwemihla ngemihla kunye nezikhazelo zomthetho kamasipala, tsalela umnxeba kule nombolo 028 313 8996. Imibuzo ngokubanzi, tsalela umnxeba kwigumbi lolawulo lwase-Overstrand kule nombolo 028 313 8000 okanye 028 313 8111 ukulungiselela imibhobho yamanzi egqabhukileyo nokunye okufana noko.

INDLELA YOKUFUNDA IMITHA YAKHO YAMANZI



Inani labantu libuza indlela umntu afunda ngayo imitha yamanzi.

Iinombolo ezintathu ngasekunene ezinombala obomvu ngasemva asecaleni kwenani leemilimitha abonisa ukuba zingaphi na lilitha ezisetyenzisiweyo. Zakuba nje ezi nombolo zifikelelekuma-999, ziya kuqengelekela kumanani amnyama angasekhohlo, abonisa iikhilolitha ezisetyenzisiweyo (ikhilolitha enye ilingana neelitha ezili-1 000).

Ngamanani amnyama kuphela angasekhohlo, ngamanye amazwi iikhilolitha

ezisetyenzisiweyo, eziya kubonakala kwi-akhawunti yakho.

Ukuba ufuna ukulandela ukusetyenziswa kwamanzi akho ngaphakathi nakufutshane nendlu yakho, okanye ukubona ukuba ingaba akukho kuvuza na okungaphantsi komhlaba, kulula vala nje zonke iitephu kwipropati yakho yaye uqinisekise ukuba akukho mntu usebenzisa nawaphi na amanzi endlwini okanye ogungxula indlu yangasese. Ukuba ngaba amanani abomvu angasekunene ayajikeleza, kuyacaca okokuba kukho ukuvuza kwamanzi. Kulo mfanekiso ungezantsi, imitha ibonisa iikhilolitha ezingama-239 kunye neelitha ezili-102 zisetyenzisiwe. Kuluncedo ukwazi indawo ekuyo imitha yakho kuba isimisa tephu, esilawula uqukuqelo lwamanzi sisiloko ngesiqhelo sisecaleni lemitha, Kwimeko engxamileyo.



I-OAK ikumemele kwikonsathi yoothixokazi abathathu besikolo esine-ROSANTHORN CELLO TRIO - kwi-Audic Auditorium ngo- 15: 30 ngeCawa, nge-15 kaMatshi ngo-2020. Amava okukhangela i-cello xa yenza i-CLASSICS YENKONZO yonke.

Amatikiti zi-R150 (R60 zabafundi) kwaye ziyafumaneka kwiOfisi yezokhenketho eMitchell Street (inombolo yomnxeba 028 312 2629). Nxibelelana noRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238 xa ufuna eminye imibuzo.